education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2009

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-18.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeetekisi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

   ICANDELO A: Isihobe (30)
   ICANDELO B: Inoveli (25)
   ICANDELO C: Idrama (25)

4. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

5. Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo emithathu KWICANDELO A; omnye KWICANDELO B nomnye KWICANDELO C.
   Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) olukwiphepha lesine lokukunceda.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
   ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
   ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU |
|---|---|---|
| 1 *(Ukufa)* | Umbuzo omde | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 2 *(Iimbongi)* | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 3 *(Zihlabana nje ziyalamba)* | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 4 *(Ugawulayo)* | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **KUNYE** | |
| ***Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.*** | | |
| 5 *(Inyibiba )* | Umbuzo omde | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 6 *(Uthando lwethu)* | Umbuzo omfutshane | 10 |

**ICANDELO B: INOVELI**

**Phendula umbuzo omNYE.***

| | | |
|---|---|---|
| 7 *(Nyana Wam! Nyana Wam!)* | Umbuzo omde | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 8 *(Nyana Wam! Nyana Wam!)* | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 9 *(Ukhozi Olumaphiko)* | Umbuzo omde | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 10 *(Ukhozi Olumaphiko)* | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo ube omNYE.***

| | | |
|---|---|---|
| 11 *(Amaza)* | Umbuzo omde | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 12 *(Amaza)* | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 13 *(A-a-a Jongumsobomvu!)* | Umbuzo omde | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 14 *(A-a-a Jongumsobomvu!)* | Umbuzo omfutshane | 25 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EMAYIPHENDULWE | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1 – 4 | 2 | |
| A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5 – 6 | 1 | |
| B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE Umbuzo omfutshane) | 7 – 10 | 1 | |
| C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE Umbuzo omfutshane) | 11 – 14 | 1 | |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE UBE MNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE***

IMIBONGO EMISELWEYO

**IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ozifundileyo neziBINI ongazifundiswanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi na izibongo azifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kwimibongo okanye izibongo ezingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule.

Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo wandule ucazulule ucacise intsingiselo, udandalazise indlela ulwimi olusetyenziswe ngayo ukuphuhlisa umxholo walo mbongo. Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

***UKUFA* – LS Ngcwabe**

Lifukazi eligqum'umhlaba,
Wen'uphaphazela emoyeni,
Wen'udada emanzin'olwandle,
Wen'uzula-zul'emahlathini,
Wen'ugush'ingcwaba,
Wen'unxib'iintsizi.
Wen'uthwel'iintlungu.
Wen'ungena phi naphi naphi na,
Wen'uhlinza-hlinza njalo-njalo,
Ndutyumbana yesirhovu-rhovu'
Gelekeqe-geqe-geqe-geqe!
Ginyi-ginyi-ginyi,
Ginyi-ginyi-ginyi!
Ginyi-ginyi-ginyi!

Lemb'igqirh'iingcambu zathi shwaka,
Yayikhul'incwina egumbini,
Yayingen'iphum'ihlunguzela,
Imilowo kwanamagqobhoka;
Kwaneenyembezi azafeza lutho,
Kuf'akunanceba!
Bendisithi wakha wathandazwa;
Bendisithi wakha walulekwa;

Bendisithi wakha wakhalinyelwa;
Ngathi nkqu noYesu wamoyisa.
Kufandin'akuva,
Kufandin'akufi,
Kufandin'uneenkani!
Ho-o-o-o-o-o-o-o-yina!!!!
Ndandihlala ndithi ndiyakwazi;
Ndandihlala ndithi uyandazi;
Kunamhlanje uyandongamela;
Kunamhlanje uxing'emqaleni;
Kunamhlanj' ingqondo iyarhawuzela.
Zwindin'uphi na?

Zizipotsololo zabafana-
Ezo mbalasane zomlisela,
Namagqabikaz'eziponono;
Ezo mbalasena zomthinjana
Azibanga dini'
Likwanelisayo,
Mqala-mde kaXesha!

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo sikhutshwe kumbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

***IIMBONGI* – ZS Qangule**

Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga.
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka.
Ziphoko zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa.
Zazi zeembalo ukuprofithesha,
Makholwa endalo ukubhedesha.
Manyange anyanga izizwe,
Bavuseleli abatyala ubuzwe.
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu.
Ndiphuma nani ngokutola,
Ndivuma nina ngokuhlola.

2.1 Luhlobo luni lo mbongo olu? (1)

2.2 Nika izizathu EZIBINI ezibangela ukuba unike impendulo oyinike ngasentla. (2)

2.3 Ukufana kwemigca ekupheleni kwayo kuthiwa:

A Yimfano-siphelo
B Yimfano-zandi
C Yimvano-siphelo (1)

2.4 Kungani ukuba iimbongi zinxulunyaniswe namanxila? (1)

2.5 Yintoni uxholovane? (1)

2.6 Tolika lo mgca ulandelayo uphuhlise intsingiselo equlethweyo:

"Ziingxangxasi iingcamango zenu" (2)

2.7 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo sikhutshwe kumbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

***ZIHLABANA NJE ZIYALAMBA* – W Shasha**

1 Govu! Bhokro-o-o-o zahlabana!
2 Kuhlabana iinkomo zomthonyama!
3 Nazi iimazi zamasi!
4 Nazi iinkab'ezimaxhaka!
5 Zivalelwe kuthango lwabathakathi!
6 Ingca ziyayiphoselwa
7 Kodw'uqaqaqa udlal'abantwana;
8 Kusikwa ngerhengqe kuphoswe,
9 Zilwe zona ngaloo nketshe-nketshe;
10 Zihlabana nje ziyalamba,
11 Zihlabana nje ziyalamba!

12 Bayahluth'abazisengayo,
13 Basengel'eselweni nasemlonyeni,
14 Kodwa abavumi kuzivulela;
15 Banya bethe qhutsu kuba ziyakhaba!
16 Bath' abakahluthi ngumphehluthi!
17 Zihlabana nje ziyalamba;
18 Zihlabana nje ziyalamba!

19 **Bekungasekho nempunde na**
20 **Enokurholihlahl'ivul'isango?**
21 Sakuyithiya sithi "Rholihlahla",
22 Siphinde sithi kuye,"Vulisango";

Zophuma zigramz'uqaqaqa:
Zithwal'amatshoba zigqotsa!
Tyhini nam ndadloba
Kwanga ke ngoku sekunjalo!
Nde-e-gram-gram ndawudl'uqaqaqa!
Zihlabana nje ziyalamba ...

3.1 Luhlobo luni lomhobe olu? (1)

3.2 Chaza ukuba esi sihloko sithetha ukuthini, 'Zihlabana nje ziyalamba.' (2)

3.3 Chaza ukuba ezi zifanekisozwi zikumqolo wokuqala ziphuhlisa ntoni ngokwalo mbongo. (2)

3.4 Xa uthelekisa lo mbongo nabantu, ingaba ngabaphi aba bantu bavalelwe kuthango olunye? (1)

3.5 Chaza ukuba la mabinzana angezantsi aphuhlisa ntoni.

3.5.1 Ingca ziyayiphoselwa (1)

3.5.2 Banya bethe qhutsu kuba ziyahlaba (1)

3.6 Yintoni injongo yombhali ngokusebenzisa uphinda-phindo lomqolo, 'Zihlabana nje ziyalamba' kwisitanza ngasinye? (1)

3.7 Umbuzo-buciko ongezantsi unxulumanisa inkululeko nayiphi inkokheli kwezi zidwelisiweyo?

'Bekungasekho nampunde na enokurhol'ihlahl'ivul'isango?'

A Nelson Mandela
B Desmond Tutu
C Jacob Zuma (1)

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo sikhutshwe kumbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

***UGAWULAYO* – M Mqutheni**

Yinqwelo le madoda,
Yinqwelo-ntaka,
Hayi yinqwelo-moya,
Ayikhethe hlanga,
Ingakhethe bani.

Ayibhubhis'iyawacisa;
Noko thina iyasimangalisa,
Kuba kalok'iyasoyikisa,
Ayinagqirha ayinachiza,
Ayinangcambu ayinayeza.

Baphi na abameli bangomso?
Baphi na abaphathi bangomso?
Kuba kalok'ugawul'ulutsha,
Ngob'uthath'umthinjana
Ngoba wen'ugawul'umlisela.
Baw'umthetho siwaphule,
Kuba Wen'utshil'ukuthi:
"Uze ungakrexezi".
Noko thina asananza,
Namhla siyahamba.

Ayahamb'ama-Afrika,
Aya kwantsonganyawana,
Ngenxa yokwaphul'umthetho,
Umthetho kaSomandla;
USomandl'uQamat'ekwelesithath'izulu.
Bawo singabantwana bakho,
Noko sonileyo,
Nyenyis'isohlwayo sakho
Ze lusind'usapho lwakho
Kweli krele libinzayo.

Kuba noko mna ndiyazi,
Konke oku yintando yakho
Wen'uthanda ungakuphelisa
Oku kufa kungaka,
Ukuchile ukubhebhethe.

4.1 Sizathu sini esibangela ukuba ugawulayo kuthiwe yinqwelo? (1)

4.2 Nika indlela ibe NYE oyaziyo athi umntu osuleleke ngayo ngugawulayo. (1)

4.3 Cacisa ngawakho amazwi umgca wokuqala kwisitanza sesi-2. (2)

4.4 Imibuzo-buciko ekuqalwe ngayo kwisitanza sesi-3 idiza yiphi ingxaki esinokuzibona sikuyo isizwe sangomso? (2)

4.5 Safobe sini esifumaneka kumgca wama-22? (1)

4.6 Xela indlela ibe NYE angazikhusela ngayo umntu ekosulelekeni ngugawulayo? (1)

4.7 Bhala ngesivakalisi esinye umongo walo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

IMIBONGO ENGAMISELWANGA: PHENDULA NAWUPHI NA UMBUZO UBE MNYE.

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

Fundisisa esi sicatshulwa sombongo olandelayo uze uqamele/uchankcathe ngezikrweqe ezisetyenziswe yimbongi ukubonisa indlela ewuphuhlise ngayo umxholo wayo. Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama – 340 nama – 390 amagama.

***INYIBIBA* – ZS Qangule**

Zithethile iimbongi ngawe,
KwaNtu ndiphuma noJolobe.
Wena uthandwa okwesafobe,
Khona lee kwaJobe.

Zibone ntoni iimbongi kuwe?
Zive ntoni izilumko ngawe
Yintoni imfihlo elapho kuwe?
Yona indalo ithini ngawe?

Phulaphula:
Wena ungumphilisi weliso,
Wena ungumvuseleli ntliziyo,
Wena ungumqhaqhi ngqondo,
Wena ungumbilisi ngcamango.

Ingathi akuva:
Lakuxweba uyasiqhatha,
Lakubharha uyasiphilisa.
Sakwenzakala uyasithuthuzela,
Lakuna uyasigcobisa.
…

19 Ndiyakuyeka:
20 Umoya uzihlamba kuwe,
21 Iqabaka izicoca kuwe.
22 Ilanga lizibuka kuwe,
23 Inyanga ifunana nawe.
…

24 Mandizibambe:
25 Wena unothando,
26 Wena umile,
27 Wena unzulu,
28 Wena unyulu.

**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo sombongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

***UTHANDO LWETHU*** **– ZS Qangule**

1 Uthando lwethu sobabini,
2 Lwaba lutyani ehlotyeni.
3 Lwaqina okwameva ebusika,
4 Iintshaba zifuna ukulisika.
5 Iminyaka yanda yamininzi,
6 Nezihlobo nazo ngokubanzi,
7 Okwenyosi xa zizingela.
8 Imithana qhakra! Idubula.
9 Incindi yethu iphelile,
10 Izihlobo zethu zidukile.
11 Ubuhle bethu bubaxiwe,
12 Okuhle phethu! Kujikiwe.
13 Konke kuphinda kuhlume,
14 Nolwethu lophinda lume.

6.1 Nika udidi lwalo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2 Umqolo wokuqala utyhila ukuba abantu ababini xa bethandana kufuneka:

A Utata adlale indima ephambili.
B Umama adlale indima encinci kunekatata.
C Lulingane macala. (1)

6.3 Nika isafobe esifumaneka kumqolo olandelayo, uchaze ukuba siphuhlisa ntoni ngothando.

Lwaba lutyani ehlotyeni. (2)

6.4 Ucinga ukuba imiqolo emibini yokugqibela kulo mbongo isetyenziswe ngaziphi iinjongo? (2)

6.5 Nika intsingiselo yalo mqolo ulandelayo ngokomxholo owufumene kulo mbongo:

Izihlobo zethu zidukile. (2)

6.6 Nika injongo yombhali ngokusebenzisa izandi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esiku-6.5. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMFUTSHANE, ukususela KUMBUZO wesi-7 ukuya KUMBUZO we-10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwicandelo C.

Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE KWICANDELO B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE KWICANDELO C.

Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

Qinisekisa ukuba uphendule umbuzo omNYE kweli candelo.

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

UMangaliso kule noveli ubonakala njengomlinganiswa onesakhono sobuciko nesokuba neliso elibukhali kwizinto ezimngqongileyo, zinto ezo ezimenza abonakale ekrelekrele ngokwasengqondweni. Chankcatha kwezi ngongoma zilandelayo nezinye uphuhlise oku.

– Iintetho azenze kwiingqungquthela neendibano zabafundi.
– Ukuvulwa kweSpes Bona **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

"Kodwa titshala aba bantwana bahle kangaka uyabafundisa?"
"Yintoni ngoku le undibuza yona?"
"Ndiphendule titshala ndiyabuza, aba bantwana uyabafundisa na kodwa?" Wabuza lo mfo encumile.
"Ubafundisa ntoni?"
"Ndibafundisa zonke eza zifundo ndandikufundisa zona."
"Kodwa titshala aba bantwana uyabafundisa ithemba?"
Akazange abe nokuwuphendula lowo umbuzo utitshala exakiwe ukuba sesiphi na eso sifundo.

8.1 Ngoobani aba bathetha apha? Babize ngamagama abo. (2)

8.2 Bathetha bephi? (1)

8.3 Wayefunda phi amabanga aphantsi lo ubuzwe ku-8.1 unothotho lwemibuzo? (1)

8.4 Chonga isivakalisi kwisicatshulwa esingentla esingqina impendulo yakho eku-8.3. (2)

8.5 Sigqibo sini awafikelela kuso emva kokuhlaselwa yimiguvela eBhayi? (2)

8.6 Yintoni unobangela wokuba akhokhelise ithemba phambili? (2)

### ISICATSHULWA B

"Fak'amafutha mqhubi ubethwa bubo, akukho nento le. Budala utywala bobe-1815, nguJonoka nam kuphela owabehlulayo. Uthi iyaxoka le bhotile xa isithi imgqibile?" watsho uThemba ehleka, bahleka bonke abantu emotweni bengamnanzi nganto uThole ngesikhalo sakhe. Uthe esabhomboloza njalo wahlabela ingoma uThemba.

8.7 Kwakusingiswe phi ngaba bantu bakule moto? (1)

8.8 Kwakudityenwe phi sesi sithathu? (1)

8.9 Ungatsho okokuba uThole wayelonwabele olu hambo? Xhasa impendulo yakho. (3)

8.10 Chaza indlela uThole athe wadibana ngayo notywala kuhambo lwakhe. (2)

8.11 Uthetha ukuthini uThemba xa esithi, "Fak' amafutha mqhubi"? (1)

8.12 Aba bahlobo bakaThole bangabahlobo abanjani xa ubajongile? (2)

8.13 Ngokuva kwakho kule noveli ngumntu onjani yena uThole? (2)

8.14 Xa unokuzibona sele uzidibanise nabahlobo abafana naba bakaThole ungazahlukanisa njani nabo? (2)

8.15 Ukubhomboloza kukuthini? Khetha kwezi mpendulo zingezantsi.

A Kukukhala kancinci ungaviwa.
B Kukukhala kakhulu uviwe.
C Kukukhalela ngaphakathi ungaviwa. (1)

**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Indawo yakwaQaka yindawo egutyungelwe zizixholoxholo zomzabalazo ezigquba phakathi kwabahlali namapolisa de zanwenwela ngaphakathi kwabahlali bebodwa. Kuloo qulukubhode uMfazwe waba lelinye lamaxhoba. Yoyama ngokusencwadini, udandalazise ilahleko eyathi yachaphazela uMfazwe nendawo yakwaQaka ngokubanzi. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

"NguFriday wonke lo. Ukuba kukhe kwenzeka into phaya kumama notata, uya kuyazi into edliwa ligqirha."
"Yeka ukusongela ngathi ulibhinqa mfondini. Into ebalulekileyo yeyokuba kususwe eli tyholo bazimela ngalo ooFriday nazo zonke ezinye iimpuku namaqaqa afana naye."

10.1 Ngoobani aba bathetha kwesi sicatshulwa? (2)

10.2 Kwenzeke ntoni ukuze baxoxe ngolu hlobo? (2)

10.3 Sithetha ukuthini esinye sezithethi eziku-10.1 xa sisithi, uFriday uza kuyazi into edliwa ligqirha? (2)

10.4 Sizathu sini esibangela ukuba kuthiwe nguFriday lo wenze esi senzo sibi sibangela ukuba kuthethwe amazwi akwisicatshulwa? (2)

10.5 Aba babini baxoxa bephi? (1)

10.6 Lo unexhala ngabazali bakhe wayeye kuthini kwindawo akuyo? (1)

10.7 Wayethunyelwe ngubani lo ubuzwe ku-10.6 kule ndawo akuyo? (1)

10.8 Ngubani igama lentombi eyayiphandle uMfazwe kwaZamlandela? (1)

10.9 Isithomo sikaNdima owayeqhubela uMfazwe saba luncedo njani xa befika emideni kukho amapolisa? (2)

10.10 Nika amagama eendawo ezintathu awadlula kuzo uMfazwe kwindlela yakhe eya elubhacweni phambi kokuba afike eThongo. (3)

10.11 Yayiyintoni injongo yokuba uMfazwe agungxe umnqwazi, anxibe ibhatyi, aphinde ajingxele kuhambo lwakhe lokuya ehlathini? (1)

10.12 Nika igama lombutho wezopolitiko awayeza kufikela kuwo uMfazwe ehlathini. (1)

10.13 Nika imibutho yezopolitiko emi-2 oyaziyo eMzantsi Afrika eyayanyaniswa nokubhalwe .kule ncwadi. (2)

10.14 Waphetha eyiwela ngantoni imida uMfazwe? (1)

10.15 Intaba awayehamba kuyo uMfazwe xa abhacayo kuthiwa yayizele ziziphi izinto kwezi zilandelayo?

A Iingonyama, oodyakalashe nemivundla.
B Iinyoka ezinobuhlungu, izigcawu noonomadudwane.
C Izinja, iinkomo neenkuku. (1)

10.16 Waphiwa ntoni uMfazwe ngumzingeli awadibana naye entabeni? (1)

10.17 Luluphi uhlobo lomdlalo awazibalula kulo uMfazwe ngexesha lobutsha bakhe ukuze abizwe ngokuba, 'Lukhozi olumaphiko?' (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela KUMBUZO 11 ukuya KUMBUZO 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omde KWICANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde KWICANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO C.

Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

Qinisekisa ukuba uphendule umbuzo omNYE kweli candelo.

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

Umsebenzi wokucupha ufuna abantu abanobuchule okanye isakhono sokuphanda nabaphiwe ubulumko ngendalo. Landa ulandele amanyathelo athatyathwe nguSilumko xa ephanda okanye ecupha ngombulali kaZodwa noSidima de kutyhileke izinto emangcwabeni. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

*Simbona uNamhla esentangeni yakhe egqiba indlu yonke ngumsindo. Unxibe izilekisi, umlomo uwuqabe bomvu krwe. Uthwele iwigi, iinwele uziphothile. Akuntsuku zatywala engatshatanga.*

NAMHLA: (*Ebeka unyawo phezu kwebhokisi.)*
Tyesi itheni yona le ngathi yeyamajoyini!
(*Uya ngasefestileni afike eme*)
Hayi ilishwa lokuzalwa ngamaqaba!
Usikelelwe umntu ongaphathwanga njengenkedama.
(*Uya ebhokisini akhuphe ilokhwe yejelimani ayidweze.*)
Yena lo vunxu usisizothezothe!
(*Uyigibisela etyesini ayinyhale ngonyawo.*)
Ngahle uphele loo mtshatwana iluthuthu.
(*Uya efestileni athi engafikanga abuye aphindele ebhokisini egibiselekile afike akhuphe ilema ayidweze.*)
Esona sambatho sobukhoboka sesi!
(*Uyifaka ebhokisini ayinyhale ngolunye unyawo.*)
Ngathi ndiyazibona ndambathe obu bubhanxa!
(*Ungqengqa ebhedini afunde 'Imvo zabaNtsundu'.*)
Uyayichula u'Mgozi' xa usithi
Sisibetho ukutshata ixathawana ngokunyanzelwa!

12.1 Chonga ibinzana elisixelela ngokucaphuka kukaNamhla. (1)

12.2 Yintoni le ibangela ukuba acaphuke uNamhla? (2)

12.3 Amalungiselelo omtshato abonisa ukuba sekumbovu ukuba kutshatwe. Nika izinto zibe MBINI ezingaloo malungiselelo. (2)

12.4 Ingaba isinxibo siyangqinelana nesentombi eyendayo ngokwakwaXhosa? Nika isizathu. (2)

12.5 Chonga izifaniso EZIBINI kwesi sicatshulwa uze uchaze ukuba ziqaqambise ntoni na malunga nomxholo. (4)

12.6 Ingaba umbhali uqaqambisa ntoni ngamagama abhalwe ngqindilili awasebenzise kulo mgca ulandelayo?

"Yena lo **vunxu usisizothezothe**." (3)

12.7 Ucinga ukuba isenzo sikaNamhla 'sokudweza' izinxibo zakhe zomtshato sibonakalisa ntoni? (2)

12.8 Kutheni uNamhla esithi ilema sisambatho sobukhoboka nje? (2)

12.9 Ingaba sibonisa ntoni isenzo sikaNamhla sokunyhala impahla ebhokisini ngonyawo? (2)

12.10 Yintoni ebonisa ukuba uNamhla ukhe waya esikolweni kwesi sicatshulwa? Nika izinto ezikubonisayo oku zibe NTATHU. (3)

12.11 Xa unokuba kule meko akuyo uNamhla kula maxesha sikuwo, ubunokuzikhupha njani? Zixhase. (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-A-A JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Chaza indima edlalwa ngabalinganiswa abaphambili kule ncwadi, ubonise igalelo labo ekuqhubeleni phambili ukrutha-kruthwano olukhoyo phakathi kwabo.

– UMaqoma ongumlinganiswa oyintloko. (10)
– UFiliphu noKondile abangabalinganiswa abangabaphixanisi. (8)
– USomerset ongumlinganiswa ongumchasi. (7)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

***A-A-A JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

| | |
|---|---|
| SOMERSET: | Mus' ukungxama Sajini, izinto zisangcambaza kuhle. Kaloku khumbula ukuba uyise kaMaqoma nguNgqika lowa, umfo othandwayo yiKumkani kunye neRhuluneli yeli. Singawutya umsebenzi nje ukuba simthi cha. Le yokungena ngesinyokotho kulaa mmango ibabhidile nabo abasemagunyeni. |

| | | |
|---|---|---|
| 14.1 | Ngowuphi lo mmango wangena kuwo ngenkani okaMaqoma? | (2) |
| 14.2 | Buyintoni ubudlelwane phakathi koMaqoma noNgqika? | (1) |
| 14.3 | Lo Sajini unqwanqwadwa nguSomerset wayefuna ukwenza ntoni? | (2) |
| 14.4 | Kungasizathu sini esibangela ukuba uNgqika athandwe nguRhuluneli? | (2) |
| 14.5 | Kungani abasemagunyeni bangamthatheli amanyathelo uMaqoma? | (2) |
| 14.6 | USomerset ubonakala njengomlinganiswa oyinyoka. Xhasa olu luvo. | (3) |
| 14.7 | Ngubani lo wayengafuni ukunyathela iimbono zakhe uSomerset? | (1) |
| 14.8 | Ngesivakalisi esinye cacisa ukuba olu krutha-kruthwano luvela phi? | (2) |
| 14.9 | USomerset uxoxa nabani apha? | (1) |
| 14.10 | Yintoni engamkelekanga ababeyitye bekwiziko lomkhosi? | (1) |
| 14.11 | Wawuyintoni umsebenzi kaSomerset? Khetha:<br><br>A Ubupolisa<br>B Ubujoni<br>C Ubutitshala | (1) |
| 14.12 | Zizinto zini ezi athi uSomerset zisangcambaza kuhle? | (2) |
| 14.13 | Ingaba ezi zinto wayesithi zisangcambaza uSomerset zaye zaphumelela na? Xhasa impendulo yakho. | (3) |
| 14.14 | Yintoni eyayibangela ukuba ooSomerset babe nexhala lokuwutya 'umsebenzi' xa benokuthi cha uMaqoma? | (2)<br>**[25]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**

**AMANQAKU EWONKE: 80**